


# Kudalwa amathuba emfundo: nge-Experimento eMzantsi Afrika

## Iindlela zala maxesha zenzulwazi neteknololji

**Imfundo ngenzululwazi neteknoloji ibaluleke kakhulu kwihlabathi liphela ukuze umntu ngamnye abenamathuba ebomini, kuphuhliseko ngokwezentlalo nangokwezopolitiko. Ngokubhekiselele kumbandela wezemfundo abakwa-Siemens Stiftung ke ngoko bafuna ukomeleza ezenzululwazi neteknoloji kwizizwe ngezizwe. Ukususela ngowe-2012, basebenzela ukwenza oko ngale nkqubo yabo yemfundo i-Experimento South Africa. Injongo yayo kukuqeqesha ootitshala ngendlela yokusebenzisa i-Experimento nokukhuthaza ukwaziwa kwenzululwazi neteknoloji ngabafundi.**

**I-Experimento ibonelela ootitshala ngemixholo esebenzisekayo nejolise kwikharityulam ngokubhekiselele kwezamandla, ezempilo nezokusingqongileyo. Zingabalelwa kwi-130 ii-eksperimenti ezikhuthaza abafundi ekuziqhelaniseni noqhagamsheliswano kwezenzululwazi nezobugcisa kambe kumiselwe indlela yokuziphatha esekelezwe koko kuxabisekileyo. I-Experimento isekelezwe kummiselo wokufunda ngokuzibhaqela kwaye isetyenziswa kwiilwimi ezine, kumazwekazi amathathu nakumazwe alishumi elinanye. Ukusetyenziswa kwe-Experimento kwiminyaka edlulileyo kwaveza into yokuba ootitshala bangamisela indlela engcono yokuvisisisa inzululwazi neteknoloji kambe bayidlulisele phambili. Oko kunganegalelo elincumisayo ekufundiseni, kambe nasekuphuculweni kwezakhono zokusebenza ngokweetimu ngendlela ebonakalayo kananjalo iziphumo zoko zibe kukuqhuba ngcono kwiimviwo.**


***www.siemens-stiftung.org/experimento***

## Ukuvala isikhewu

**Le nkqubo ye-Experimento iqinisekisa ukuqhubeka kokwanda kolwazi ukusuka kumabanga andulela awabasaqalayo ukuya kwimatriki. Ukulungiselela ukusungulwa ngempumelelo kwale nkqubo yemfundo kwizikolo zeli loMzantsi Afrika, sisebenzisana namaziko aziwa njengee-Science Competence Centres (SCCs) eRhawutini, eKapa, eThekwini naseMthatha. Ngaxeshanye abakwa-Siemens Stiftung basebenza neeyunivesiti kunye nezikolo ezaziwa njenge-German International Schools zaseJamani ekudibaniseleni lo mbono weExperimento kwikharityulam yokuqeqesha ootitshala.**







**Ukuncedisa abafundi ekubhaqeni nasekuqondeni unxibelelwano phakathi kwezenzululwazi nezobugcisa.**

**Le miba mibini yale nkqubo ikhuthaza ukufundisa nokufunda: Two elements of the program promote teaching and learning:**

- **Uqeqesho olongeziweyo lootitshala bendawo: olujoliswe kwindlela yokufundisa noluqinisekiswe yi-SACE**

  Ukusetyenziswa kwe-Experimento akunakuba yimpumeleleo kungekho nkxaso ivela kootitshala abazimiseleyo. Kungoko ootitshala kusithiwa mabazimase iiwekshophu ezimalunga neendlela zokufundisa ze-Experimento oko kusenziwa kwiiseminara ezilungiselelwe oko ngokukodwa. Ulwazi lwabo baludlulisela kuba-fundi njengenxalenye yokufundisa. Iiseminara ze-Experimento zanikwa isiqinisekiso sokuba sisixhobo esisemthethweni sokuqeqesha ngokwemimiselo emiselwe libhunga lootitshala elaziwa njenge-South African Council of Educators (SACE). Ootitshala bazimasa iiseminara ze-Experimento kwiYunivesiti yeSixeko saseKapa baze baziphumelele iimviwo zabo bafumana amanqaku azikredithi asetyenziswa njengobungqina bekwalifikeshini emayingeniswe kwiSACE.

- **Izixhobo zokufundisa zale mihla: Ezifanele ikharityulam leyo nezifikeleleka simahla**

  I-Experimento iyahambelana neemfuno zakwamva nje zemfundo yesizwe. Izixhobo zayo zokufundisa nokufunda zodidi oluphezulu ziinxibelelana ncamashe nayo. Ukuze bonke abafundi babe nokukhuthazwa ngokwesakhono somfundi ngamnye kangangoko kunako, izixhobo zokufunda nokufundisa ziya kulayiseniswa simahla njengamajelo emfundo avulelekileyo, naziwa njenge-Open Educational Resources (OER) kambe zifumaneke kumajelo oqhagamshelwano akwa-Siemens Stiftung. Ngokusebenzisa ijelo loqhagamshelwano ootitshala bangazicaphlela kuzo kambe bazilungiselele zona ezo zixhoxo zibe ngendlela abafuna ukuba zibe yiyo babelane ngazo ngokunjalo.

  **https://medienportal.siemens-stiftung.org**

Ukuze kufezekiswe iimfuno zokufundisa nokufunda eMzantsi Afrika, abakwa-Siemens Stiftung basebenza ngobambisana nala mahlakani emfundo alandelayo:

- I-Sci Bono Discovery Centre
- IYunivesiti yeSixeko saseKapa
- IYunivesiti yeNtshona Koloni
- IYunivesiti i-Walter Sisulu

**Uqhagamshelwano**
**Siemens Stiftung**
Rebecca Ottmann, Senior Project Manager Education Africa
Phone +49 9131 9207 915, Mobile: +49 174 15594 83
rebecca.ottmann@siemens-stiftung.org

Njengombutho ongenzi profiti, sikhuthaza uphuhliso lwezentlalo oluzinzileyo noluxhomekeke kakhulu ekufikeleleni iinkonzo eziphambili, imfundo emgangatho uphezulu, kunye nokuqondwa kwenkcubeko. Ukuze kwenzeke oko umsebenzi wethu wale projekthi kuxhasa abantu ekuthabatheni inyathelo lokujongana imingeni ekhoyo ngenqgiqo. Kunye namahlakani ethu siza nezisombululo kambe sizisebenzise ndawonye neenkqubo zokuxhasa eli linge, apho uyilo lwezeteknoloji nezentlalo ludlala indima engundoqo. Izenzo zethu zijolise ekwenzeni into ebonakalayo kwaye zenzelwa ekuhleni.